

JIMKUKU EZILLISHUMI ELINESITHANDATHU – 16 DAYS OF ACTIVISM

Rhoqo ngonyaka phakathi kwe 25 November ne 10 Disemba sikhumbula iintsuku ezilishumi elinesithandathu ukuchasa ubundlobongela Kubafazi nabantwana.

Ezi ntsuku zibalulekile kakhulu. I 25 November lusuku lwehlabathi lonke lokunciphisa ubundlobongela kubafazi nabantwana, ukuze umhla we shumi KuDisemba ibe lusuku lwehlabathi lwamalungelo abantu.

Ukusukela kunyaka ophelileyo abasetyhini bavule imilomo ngeentlungu nangomsindo wokuhlukunyezwa kwabo. Besisiva okokuqala abasetyhini bethetha phandle ngeentlungu zokuthula kwabo.

Sibonile ngakumbi abo bathathe inxaxheba kwimingcelele. Kumakhasi onxibelelwano anjengo #Me too kunye no #Timeup abehamba phambili. Abanye bethu bangaba beva okokuqala ngolwazi lokuba siyakhathala, yaye omnye wabo ube elixhoba lokuxhatshazwa ngocantsi. Sibone amadoda akwizikhundla eziphezulu etyholwa ngokuxhaphaza abasetyhini ngocantsi nangona bebathembile. Kwezinye izihlandlo ubulungisa benzekile kodwa ngamanye emaxesha la madoda ahlukumezayo akhuselwe ngumthetho.

Kungenxa yoku ukuba uMgomo walonyaka kumele ubonakale okanye uvezwe ekuhlени.

Abafazi bezizwe ezimanyeneyo (UN Women) bakhethe uMgomo othi “Orange the world: #hear me too. I khampeyini esemthethweni ye “16 Days” yazise uMgomo wayo othi “Phelisa Ukuhlukumeza ngokwesini emsebenzini.” Konke oku kubhekiselele kwinto enye: Ukhuseleko lwabafazi xa besemisebenzini.”

Singumzimba ka krestu, inkonzo enothando nekhathalayo sivakalisa intlungu yabazalwane noodade bethu abasinde ekuhlukunyezweni. Asingabo bodwa abasindileyo esijongene nabo, kodwa nabo bahlukumezayo. Masenze njani ke njengomzimba ka Krestu ukumelana nalengxaki? Asinayo impendulo efanelekileyo nelula kulo mbuzo, koko sikhumbula uMgomo we Dayosisi yethu othi: “I am because we are because God is opening hearts to heal God’s world”; “Ndi ndim kuba sisithi ngenxa kaThixo ovula intliziyo zethu ukuphilisa, ihlabathi lakhe.”

Lo ngumsebenzi wethu njengama Krestu wokuphilisa ihlabathi elixhwalekileyo. Ingakhangeleka nzima lento kodwa akumelanga sime. Iqala ngathi ngabanye –ngabanye ukwenza esinako kwiindawo esikuzo.

Ngoko ke bazalwana noodade, ndiyanimema ukuba, nibe kunye nam ekuphiliseni elihlabathi, siyiDayosisi Yase False Bay. Umhla we 25 Novemba mawube sisiqalo kodwa singaphezi. Ngomhla we 10 Disemba Masenze le Dayosisi ibe yimpumelelo nekhuselekileyo maxa onke.